

IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d)

KINGWILLIAMSTOWN, NGOLWESI-NE, AUGUST 30, 1888.

[No. 198

Umnyadala we Palamente Entsha.

Kwintlanganiso ebingepuzolo e Qonce apa kwi " Barkly House," kugqitywe ngazwinye okokuba icala elimelwe ngalomanene ebehlange limise ngapambili amagama amadoda amabini, ayakuma, ayakuti u Mr. W. J. Warren, M.L.A., abe ngomnye wawo, nokokuba abanyuli bacelewe ukuba banganqopisani namntu ungoyena bayakumnyula ade onke amadoda ayakuma abe pambi kwabo. Nokokuba u Mongameli afake isaziso kwelinye lamapepa alomzi, ngayo lendawo Nokokuba i Committee yamanene ingati yongezelele yakubona amanye amanene nokutabata onke amanyatelo okuquba izigqibo zale ntlanganiso.

23 August.

A. W. REID

UMTENGI WENTO YONKE,

e Downing Street, King Williamstown,
nase East London (e Monti).

*Uboya begusha, nobe seyibhokwe, Intsiba
ze Nciniba, Izikumba, Imfele, Im-
pondo, llapile, njalo, njalo.*

Utenga ngawona manani makulu ase
Markeni nge CASH.

(Kulandlu ibi no NGOMTI).

Abangenisi bempahlaya-Pesheya

Banayo yonke impahla efunwa nga Ba-Ntsundu umntu
uziKetela Kwinto eninzi yazo.

Ngabatengi bo Boya, Izikumba, no Kudla,
njalo, njalo.

E MariKeni, Kingwilliamstown.

Baker, Baker & Co.

ABATENGISI BENTLOBO ZONKE ZENGUBO.

E-QONCE (Kingwilliamstown),

Batengisa ncoku

Idyasi Zobusika, ziqala ku 13s. 6d. zinyuke.

Isuti Zohisika, ziqala ku 11s. 9d. zinyuke.

Ezobusika Ibhulukwe, ziqala ku 3s. 9d. zinyuke

Ezobusika Iblankete, ziqala ku 11s 6d. zinyuke.

Nezinye ingubo zobusika

Ngamaxabiso akwanjalo ukuba pantsi.

ZILUNGELE EZINGQELE ZIKOYO.

Yizani kuzibmela imfumba

Yebhulikwe Zekodi ziqala ku 5s. zinyuke.

Iminqwizi Etambileyo iqala ku 11s. 9d. inyuke.

ISANDUKUFIKA LOMPAHLA.

Baker, Baker, & Co.

E-QONCE (Kingwilliamstown).

Invama ne Zonka

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeru ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawini nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcancatweni.

ABABHUBHILEYO.

MAQUBELA.—Kubo bonke abazalana nam, nakubo bonke abazalana nenko- sikazi yam, u Mrs. MITLE H. MAQUBELA, kuyaziswa ukuba yena ushiyile nge 21st July 1888. Ugule inyanga ezimbini. Wasi- shiya nezwi elimnandi, noko kunzima, lokuti zemgandilileli nizililele okukokwenu. Ke ubhubhe ubudala bake xa bukwiminyaka emashumi mane anesine, anenyanga zosixe- nxe, ekuseni, mayelana nexesha lesitatu. Ngomnqweno omkulu wabazalana naye, sagweba ukuba aye kuachwatywa e Rwarwa. Wunchwatywa nge 25th July, 1888, ngu Rev. E. Makiwane. Banga bonke abazalana naye ban- awamkela lompana.

HAIHAI MAQUBELA.

BoIo. 9d3.

ABATSHATILEYO.

SIKWEBU—RUBUSHE.—Kutshatiswe e Sanerville, Peddie, ngo Mvulo, 20 August, 1888, nga Rev. J. B. ukuba ence- disana no so.soka, n THOMAS into enoi ka Rev J. Sikwebu, no LOUISA (LOUIE) intombi enkulu ka Mr. John Rubushe wase Sauerville (Tyityaba) Fort Peddie. 9d3.

KUBABHALELI BAM.

BAHLOBO nababhaleli ndiyabazisa ukuba ndifudukile e Port Alfred. Ikaya lam lizakuba se Port Elizabeth ngomhla wokuqala ka September, 1888.

Nalu uhlobo lokundibhalela : _____

E. NQUKA,

R. M. Office,

August, 1888.

Port Elizabeth.

kwabafuna ukutitsha

kufunwa Otitshala Ababini (2).

(1) E Mount Fletcher, Griqualand East, kufuneka ititshala enoknwnqonda umsebe- nzi. Isikula sinabantwana abamashumi matandatu (ngamanye amaxa nangapezulu). Umvuzo ngamashumi omane eponti ngo- nyaka nendlu, namasimi. Osifunayo makatumele kogama lingapantsi, atumele incwadi ezibonisa ukuwulingana kwake umsebenzi onjalo. Makabhalelele isicelo sake ngesi Ngesi.

STEPHEN MAKHOBOTLOANE.

Mount Fletcher, Griqualand East.

(2) E Khetekhete, Griqualand East, akona kufuneka ititshala enokuwuqonda umsebenzi, abantwana bakwa ngamashumi amatandatu. umvuzo E40 ngonyaka ne- ndlu natnasirmi. Osifunayo makatumele kogama lingapantsi, abhalelele isicelo sake ngesi Ngesi.

STEPHEN MAKHOBOTLOANE.

Mount Fletcher, Griqualand East.

KO TITSHALA.

KUFUNeka kwi Sikolo sase Ndwana, i District yase Cala, i Titshala enoku- fndisa isi Bhulu nesi Xhosa, kunye nesi Ngesi. Onjalo angabhalela u

REV. E. J. WARNER,

Mount Arthur,

25, 7, 88.

Lady Frere.

KUFUNWA U Titshala we Sikolo sa Bantsundu e Kimberley, nmvuzo ngama E75 ngonyaka. Umntu olisoka ufunwa ngapezulu. Ofunayo wobhalela ku REV. J. S. MORRIS, Posno Street, Beaconsfield.

KWABANTSUNDU.

DIVULE Ikaya le Ndwendwe. EMONTI (Hanover Street). Ndine stali ezikuhl.

ENOCH MABENGEZA & CO.

ISAZISO ESIKULU.

Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.

BONKE abantu aba kwindawo ezingena Magosa am bowatunyelwa onke amayeza nge Posi xa bebhalele kuni batumela izi tampo nokuba yi mali chamba ngepepa 1- posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, nga paandle ko *Mpilis Wenene* (Sure Cure) oyi 8/6 ukuba imali tunyelweyo igqibile yo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW,

Igcisa Lemiciza.

The Laboratory, Fort Beaufort.

Kubatabati be "Myo" e Bhayi.

KUYACELWA kubo bonke abatabati be "Mvo" abase Bhayi, abamapepa ebepuma ngo Mr. J. S. Adams, okweli lase Maxhoseni ngokunje, ukuba basitumele i address zabo kwakamsinyane.

DYER & DYER

Ingubo Zobufundisi

Kwimpahla yetu yentlobo zonke, songezelele Ingubo ezibuhlungu, nezinye intwanantwana Zabafundisi.

Amanani ezontwanantwana, nentlobo, zinkutunyelwa nakuyipina indawo kwelilizwe, kofuna ukuva ngawo.

Iminqwazi yo Bufundisi, 7s. 6d. umnye.

Eyona idluliseleyo kwa yobufundisi, 10s. 6d. umnye.

Ikolala zobufundisi, 7s. 6d. nge dazini.

Ibhatyi ne ndulubhatyi zobufundisi, 52s. 6d.

Ibhulukwe ezimnyama ze diagonal, ziqala 10s. 6d. de kube 22s.

Ibhulukwe ezimnyama zelakana ziqala, 13s. 9d, de kube 20s.

KUKWAKO NE SEBE ELISIKAYO INGUBO.

Ingubo zabafundisi ziyalinganiselwa zitungwe.

ISUTI IPELA 60s.

Abatengisi Bentlobo zonke ze Ngubo nantoni efunwa ngumntu.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN.

John J. Irvine & Go

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s
IBHATYI " " —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d
I-Bhulukwe " " —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to 18s 9d.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, is, is 3d, is 6d, 2s

Ihempe ze fulaneli—is 6d, 1s 9d, 2s, 2s 6d

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s lid, 3s 6d

Kuko i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo)
7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqumbelweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi

Ikaliko—2d. 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5 d, 6d nge yadi

Izitofu ezibugqi—6d, 7 d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO u-ALUVENI.

Umhlaba Otengisayo.

UMHLABA ongu Lot I., omi e Debe, ubukulu bawo zi acres ezi ngama 21 ne poles ezingama 28. Itida yawo : ngase mpumalanga-ngentla, nangezantsi, umi ngendlela ycuqwele ; ngase mpumalanga-ngezantsi, umi ngo Lot H.: ngase ntshonalanga-ngentla, umi pgo Lot K., umhlaba olinywayo. Owufunayo angabhekisa ku

GEORGE WHITAKER,
Kingwilliamstown.

Umemezo kumzi wonka Ontsundu!

Umelo lomzi e-Palamente

Ukumelwa kwabantu e Palamente yinto enkulu kunene, kuba kulapo zimiselwa kona zonke into zombuso. Amalungelo ombuso siwalindele e Palamente, saye singenakuze siwafumane ukuba lonkundla ikolise ngamadoda antliziyo zingentle ngakuti bantsundu. Into ezi- lungileyo embusweni singazilindela xa ite i Palamente yayinkundla yamadoda alungileyo, esiwatembileyo ukuba angeze enza into embi kuti

Kuyanyulwa ke ngoku, kulo lonke, amadoda okuya kulonkundla. Kufuneka shushu ukuba amawetu adibane emizini yawo, avane epolile, ngeyona nto ekufaneleke ukuba yenziwe ngawo, njengokuba kupitizela nje ; emaninzi amadoda akankanywayo nga magwangqa.

"IMVO" ayinakuba ingawuniki icebo umzi kulelixesha nje. Eletu ke icebo lelokuba maube ngulowo umzi udibane uyicikide le- micimbi.

Mauti ungowakwa Mdushane udibane kwinkundla yawo; ungowakwa kwane udibane kweyawo ; Umabandla, u Qoboqobo, Idebe, Incamera, Ikubusi, Umgwali, Umnyanda, Mgqwakwebe, njalo njalo neminwe. Ithe lowo utiume indoda evakunata ukuteta kwawo ikuse

Iveki.

IMBUMBA. ya Mabhulu imise isebe e Ndenxa.

IMIKHOSI yabantsundu ebiye kwi mfazwe yakwa Zulu kutiwe mayiye ngamakaya.

KUKO izipitipiti ezikoyo kumandla wase Transvaal oyi Zoutpanaberg. Kulwa inkosi ezimnyama zodwa, o Maraba, Mata, no Elands. Kusapumelele u Eland, obleti kwi ntaba ezinqabe kunene.

I NKOSI engu Njabel ya Maawuwa ese ine minyaka emihlanu ebunzimeni e Trans- vaal itumele isicelo ku Lualo lwa Mabhulu ukuba ikululwe. Elinye lamapepa akona lincoma ukululama kwake pantsi kweso- hlwayo, laye listi akungebiko ngozi ekuku- Iweni kwake.

SEBEBABINI kupela ngoku abantu abalelo yo yi fiva apa eke yaduma kunene ngase Hankey.

BAYITSHO kunene e Dikeni imasisi.

UMVO wase Njaruni ongu Maqingqa ichebesha weyela eliwani kufupi nalowomzi, wafa kwaoko.

NGOMTETO omtsha we Palamente ngoku. pata kakubi isilo umntu unokudliwa £10.

IBE ntsuku ntatu i Palamente njengokuba ibibizelwe ukuba ihlale kwakona, yapela ngo. Mgqibelo oqgitileyo (25 August).

UBUYE wagqiba kwelokuba ahlahle e Rini u Mr. R. Solomon, M.L.A., oko beke kwati- wa uza kuyakuba ngummi wase Kimberley.

UCINGO oluvela kwelama Ngesi luvakalisa umpanga ka Mr. Henry Richard, M.P., ine- nge belivakala pakati kwababuzeli baba, ntsundu, xa nga besoniwa kweli, kwinkundla ye Palamente yakona.

I PALAMENTE yase Free State imisele ukuba umholokazi ka President Brand afumane umamkelo we £600 ngonyaka, ngapandle kwe £500 ayakuti atenge impa-

UMONGAMELI omtsha we Free State, ekungeko matanda ukuba uyakuba ngu Chief Justice Reitz, uyakusitabata isihlalo ngo January 1889.

ABANTU abafa kulunywa zinyoka e Indiya ngo 1886 ba 22,134.

AMADODA amabini alinde amatyala amakulu ngokubulala enye emtanyini obukwa Tsolo.

KUVAKALA ukuba u Rev. C. Pamla ungomnye we Komiti yamagwangqa ase Qonce asebenzela ukuba abavoti balomandla bame- Iwe ngu Mr. Sohermbrucker (Tshambuluka) e Palamente, endaweni yokuba bamelwe ngu Mr. R. Solomon njengokuba kunjalo ngoku. Umvangeli omisiweyo wale Komiti pakati kwabantsundu base Qonce ngu Mr. Sam Sitela wase Mgqwakwebe.

NGOLWESI-BINI lwegqitileyo indodana emhlope engu Arthur Rogers yase Timara yapuke inqamba ngokuti ibizamana nenye kudlalwa, ebiyihluta le bhola ikatywayo, baye kuwa bobabini.

U MR. MCGLASHAN (Magala) wase Dikeni ubhale incwadi kwipepa lase Qonce i *Watchman* encoma inqubo ka Mr. Innes e Palamente, nokuba ete ngoku wamkeleka nakuma- gwangqa awayengamvumi e Dikeni ngenxa yokutembeka kwake.

U MR. RICHARD SOLOMON, M.L.A., naba ukuba uza kubehle abe nentlanganisano nabo bamtumelayo e Palamente—abanyuli boma- ndla wase Qonce.

wenyaniso namhla kukubi—into ke leyo ebanga ukuba umntu ahlahle enesihomo, nenteto yake inesitozela, pakati kwebandla, ati akuteta ani- kelwe indlebe ngabo bonke.

Enye into enkulu endodeni eya e Palamente libuto evana nalo. Ngapambi kokuba ubani alingenise icebo uqale avane nebuto angomnye walo, kuba kuyakufuneka ukuba amadoda ebuto elo amxhase ente- tweni yake. Kufun' ukuti kunqabe ukupumelisa amacebo ati ubani awangenise ngapambi kokuvana nabo avana nabo ngompunga. Yiyo ke lento ungapfika abaziqondayo ezizinto benga bangazi futi ukuba u Mr. Nantsi lo ungowalipina iqela? Kuba engoweqela elitanda inyaniso nemfanelo, kuqinisekile ukuba kulula ukuba ancedisane neqela elo lake ukutetelela ezonto zintle kunene embusweni. Kanti ukuba ungo- weqela elihambisa amayelenqe, na masheyi ngakontsundu, kukwaqini- sekile ukuba obobuqela babe abun- ngeyixhase kufaneleke into elungi- leyo.

Kuyo yonke lento ke koyisa elona qela lininzi lamadoda.

Amanqaku.

SIVA ukuba i Bandla lase Ncamera li- wujonge kunene umhla wokukhumbuzi i Jubilee yo Mfundisi walo, u Mr. Birt; sebeqalile ukulungiselela, bekegele kwinda- woko yokuba ziyakuba zininzi izihlobo ezintsundu ziyakuvula kwindawo nge- ndawo ngalomni. I Jubilee imiselwa usuku lwesi- Hlanu 21 September. Siva ukuba izinto zalowomhla ziyakuba ngo- fani- ngofani; ze ngapezu koko zibe zezi- yakudala uchayito olukulu.

IBENYE kokwetu ukuqonda into elungi- leyo eveliswe kukutshatyalaliswa kuka Sam Binda ngumtombi wemali yamaphe- kepheke wase Rini. Abafundi bokumbu- la ukuba u Binda wagwetyelwa zinku- ndla zonke ze Jaji—eyase Rini neyase Kapa; kodwa akabanga nakufumana mbuyiselo, kuba kube kungeko mnto umnyanzelayo u Rulumeni ukuba ahlaule indleko angaba uzenzelwe ngabo bampateleyo. Le Palamete ibiko imise umteto wokuba aziphahle indleko ezize ngolohlobo. Sisho ngoko ke ukuti ku- pume into elungileyo ekufeni kuka Binda.

KUYA kucaca ngokncaca ukuba irame- nte ezikwela Mangesi azisazivule njengo- kuba beke zazivula izandla zazo ukurola imali yokuxhasa Iizwi pakati kwezizwe zabahedeni ezikwamanye amazwe. Aqa- lile ke amapepa eramente ukubonisa ukuba, kutinyelwe kubahedeni abafu- ndisi abangakuluna mali inzisi. Elinye lalamapepa lalata ukuba abafu- ndisi abamhlope banendleko enkulu. Lona lithe inkolwana yalo kubafundisi abamhlope incinane ngapaya kokuba babe ngabakubeli bentsinde estiyeni se Nkosi. Siyavumelana namaqaku eli- pepa, esingaleka elokuba bakohlisile nge- zimini ukuba ngamanene angenzi nto ngapandle kokupata imali ashumayeke kanye nge Sabata. Inkutulo nenyamako yabafundisi bakudala abamhlope ye Lizwi pakati kwabahedeni ayisabonakali kakulu ukuba ingaba iseko.

U DR. DAUMAS wase Alvanj usand' ukuncedisa umntwana ka Rev. D. J. van Velden umfundisi wa Mabhulu Wase Smithfield. Lomntwana iminyaka mihlanu- nu ezwele eyimfama wave akokelwa. Umpate kwakabini u Dr. Daumas waba nokubona, noko kuluzizi uvakele esiti uyabona uyise, kwanonina. Lululu uvuyo lwabazali ngaloxha.

UMHLAMBI osebenzela ukuba akutshwe u Mr. Solomon kunyulwa u Tshambuluka (Mr. Schermbrucker) endaweni yake e Qonce, uzimisele ukuba uwahlule pakati umzi ontsundu, ukuze ungabi nasihlahla sakunyula oyena mntu sinokumtemba ebandla. Siva ukuba besekuke kwayiwa kuvingelela amawetu ase Peelton ngawo lomcimbi, kodwa akolwe yeyokosa ama- gwangqa yimibuzo engapumelanga ntweni. Enjenjalo wona anengqondo. Yitini nobona eyona nto niyakuyenza ngalomini.

UKUJIKELI KWE JAJI.

Ngesi siqingata sonyaka umgwebi uya kupulapula amatyala kwezindawo:— Cradock, ngo- Mvulo, 3 Sept., Somerset East, ngolwesi- Tatu, 5 Sept., Bedford, ngolwesi- Hlanu, 7 Sept., Fort Beaufort, ngo- Mvulo, 10 Sept., Kingwilliamstown, ngolwesi- Hlanu, 14 Sept., East London, ngolwesi- Ne, 20 Sept., Queenstown, ngo- Mgqibelo, 22 Sept., Dordercht, ngo- Mgqibelo, 29 Sept., Burgersdorp, ngolwesi- Tatu, 3 October, Alwal North, ngolwesi- Hlanu, 5 Oct., Colesberg, ngolwesi- Bini, 9 Oct., Graaff- Reinet, ngo- Mgqibelo, 13 Oct., Uitenhage, ngolwesi- Tatu, 17 Oct., Port Elizabeth, ngolwesi- Hlanu, 19 Oct.

EZOMELO E PALAMENTE.

ALBANY.—U Mr. R. Crosbie obelilungu ngeletinyaka mihlanu Kqitileyo ugqibe kwelokuba abuye azibeke pambi kwabanyuli ukuba aye kwi Palamente entsha.

IQONCE.—Amanena atile alomzi agqibe kwelokuba amamkela u Mr. W. J. Warren, obelilungu kakade. Elinye iqela lingenisa igama lika Tshababuluka (Mr. Schermbrucker) ukuba atabate indawo ka Mr. Solomon. Babunqamneqi abaxhasi baka Mr. Warren ukumamkela u Mr. Schermbrucker u Mr. Solomon yena ubesawo umnqweno wokumela lomaadla wase Qonce e Palamente.

ENGQUSHWA. — Amagwangqa omandla wangase lwandle ebenentlanganisano ngo Mgqibelo ongapaya, ebeponganyelwe ngu Mr. Bill Tarr, kwifama ka Mr. J. W. Welsh, nkucinga ngokumisa i Komiti yokusebenza kunye neyase Dikeni eyakuvumolana ngama- lungu, u Mr. Paul Timm oxhaswe ngu Mr. Currin ucebise ukuba u Mr. Busse abize intlanganisano eyakuba so Wooldridge ngo 1 September.

UMBIZO.—Zipina ezamawetu intlanganisano ngalomcimbi mkulu kangaka E TINARA—Kuvakala ukuba abayakunge- na kumnyadala wonyulo kwesi sitili nga Mr. J. Tudhope no General Nixon ababanga- bameli be Timara kakade, abaye abakanka- nywayo ngo Messrs. John Mackay no J. A. Holland. I Bond iyakungenisa u Dr. Vanes no Mr. Mohr. Singavuya kunene ibe yinyaniso ukuba u Mr. Mackay uyakuvuma ukungenisa. Yindoda lonto

QUEENSTOWN—Kwinteto ayenze kwa Da- liwe u Dr. Darley- Hartley ute engeae e Palamente nyakuxhasa impato ka Sir G. Sprigg. Sibe simazi engumchasi onshushu wempato yalo mnumzana, ngokukodwa, xa u Sir Gordon afuna nkuyibonakalisa lompa- to ekwenzeleni abantsundu umteto.-- Umzi e Komani ufuna kuhambe u Dr. Bery, waye no Gqira lowo engekatho ukuti akusakuya.—Amanene abemele esi sitili kakade o Messrs. Frost no M. du Plessis azanekele ukuba anyulwe kwakona.

EBATENJINI. — Kuvakala ukuba u Mr. Martin Snyman, we Mbumba yama Bhulu, uzimisele ukungena ecesisini yesihlalo esi sino Colonel Griffith e Palamente ngoku. CAPE TOWN. — Amabhulu akupapamele ukungena e Palamente. Kwabaya kungena ecesisini yokumela i Kapa, kukankanywa u Mr. D. P. Abaafi.

GEORGE.—Abanyuli busisitili basakolisiwe kunene ngummeli wabo, u Mr. Vintcent, babuye bacela kwayona

ALBANY.—U Mr. Crosbie no Mr. Jos. Trower, bavakalisa ukuba banga bangamela esisitili u Mr. Crosbie ubelilungu kakade. I NGQBHWA NE DIKE.—U Mr. Timtnt sele- sebenza e Ngqushwa ukuba kunyulwe yena, akayihoyile nemvumelwano efunwa nga. magwangqa ase Dikeni. I Bond ebineutla. niso ngase Ngqakuyi ifuna u Dr. Pope no Mr. Johnson, laye ipepa lase Dikeni lifuna u Dr. Pope no Mr. Johnson. E Ngqushwa abamhlope abavumelani nokumanyana ne Dike. Ngasi isakubuya ibe ngumqasalako. GRAHAMSTOWN.—Ubuye waduka u Mr. A. Wilmot oko ebeke wangati uyangena kum- nyadala wonyulo e Rini.

EZEUNGAPAKATI.

(IVELA KU MBHALELI WETU.)

UMVULO WE TYALIKE.

Joasenville, August 1888.

Ngomhla we 12th August, kwakuvulwa ityalike ye Bandla lase Wesile, e Jansen- ville. Inkonzo yakusasa ipetwe ngu Rev David Msikinya, umfundisi welo Bandla. Amazwi ngala: "Lwaza u sapo luka Sirayeli Iwanikela ekutwasisweu kwe- ndlu ka Tixo inkomo ezilikulu linye, inkunzi zegusha ezimakulu mane." Ite indoda ka Tixo yakubalisa ngokwakwiwa kwe tempile yesibini, ingxako, nobunzi- ma obabupezu ko sapo lwakwa Sirayeli, ndakumbula imigudu yake neyabantu xa babesaka le tyalike. Wona ose Bhayi owati: "Banqatshize Mfundisi?" wanya- nisa, ndiyibone apa lon Eyisemva kwe dinara yapatwa ngu Rev. W. B. Rayner, u Mongameli wesi Qingata. Amadoda anika inkomo ne bhokwe, kodwa kwi cala loku nika imali ndabona amadoda ase Karroo ukuba azifumbenze izandla zawo, ngokutsho manene ako- wetu ndiquka nabamhlope. Kanjako, nda paula u Rev. J. Joubert, M.A., u Mfundisi wa Mabhulu, epelekele sininzi se Ramente yake, kwa mnandi kakulu ukuya amazwi akutazayo epuma kwi ndoda yase mzi. Samangaliswa kakulu isininzi sa Mabhulu ukuya u Mr. Adoniai Roro (umvangeli) esoma ulwimi lwabo ngohlobo olucacileyo noluvakalayo. Amadoda anje ngala afanele ukungenwa ngabantu bakowetu. Ngo Mvulo ngoku- hlwa, sangena e Tea Meeting isihlalo sapatwa ngu Mr. G. Hyman, Postmaster, u Mr. Samuel Ndubela epete i Choir. Site sisamana ukutya intwanantwana ezimnandi, seva u Mr. Norden seletetela ifandisi le cakes. Ibe yinto ente ukubona amadoda akowetu ezifenga zonke. Sanika umbulelo oshushu ku Mr. Edward Caliste umaki walendulo otabate unyamezelo lokufeza lomsebenzi mkulu kangaka.

UMHLOLI ZIKOLO.

Ngolwesi- Ne lwaloveki kwagaleleka u Mr. Crawshaw, Acting Deputy Inspector. Wawuquba usebenzisi wake ngendlela enganika inkutazo kwi tishala ezipele lomsebenzi. Kulondawo mfo ka Jabavu ndakolwa zimbambulu owamnika zona ngapambi kokuba awutabate lomsebenzi.

"Unzondelelo."

Eli ligama lengxowa yabantsundu base Wesile e Natal, ingxowa eyenzelwe ukuxhasa abavangeli nabafundisi abantsundu abahambisa ilizwi kubahedeni. Ibako kanye intlanganisano ka "Nzondelelo" ngonyaka, iramente ezintsundu zitumela abatunywa bazo, bepete imali ezibutwe pakati kwazo. Eyanonyaka ibise Veru- lam, baye abatunywa bevela e Durban, Georgedale, Indaleni, Impola, Highflats, Edendale, Maritzburg, Driefontein, Jononoskop, nase Dundee. Iminkelo yanonyaka ifike kwi £85 lfs. 3d. ingapa- ntsi kweyeminyaka yangapambili. Isi- quma semali ka Nzondelelo singapuzulu £1200. Zibe ntsuku ntatu intlanganisano zika " Nzondelelo " e Verulam, zaye zi- hamba kwane myuselelo.

EZA. SE BHAYI.

IZIQINISELO ZABAVOTI.

Inani labantu abasebe wafumene ama- pepa abo okubonisa ukuba bangabavoti ukuzisa kolusuku (24 August) likulu elinamashumi mahlanu anesitandatu (156.) Abamagama asemqulwini waba- voti banokungakatali ukuwafumana ama- pepa abo, kufuneka ukuba bamane befuna benunuswa ngawo. Abona bantu bawaxameleyo ngabaya bati mhla mnene kwakutiwa mabanikele amagama abavuma besiti bona basateta indawo yokubhenela pesheya ngokutungwa kwa- bo imilomo. Namhla bayalila—kodwa into emandi kukuba bengalili ngamtu. Ute omnye wabo kum. "Kaloku mfo ka Dyoba wena uliliso lomzi, ngevuilifakile wena noko igama lam." ndite akulitanga eloliso kuba ufuna ukuba lityapake nga- kwapula umteto. Akusani ke ngokik kodwa ngexesha elizayo umzi wakowetu uya kupapama ngapuzulu.

Omnye umfana obehambele kulamacala angase Colesberg apo umteto we pasi unqongqo, utene gaga namapolisa elipe- te ipepa lake. Ate "Hei, Jeki ipi ipasi yako?" Ute yena "Andipati pasi mna, ndahlanjwa yi voti watsho walirola elipe- tshana walibeka ebunzi wati uyabona ke udimpemvu. Lahleka ipolisa, lati, D—d it's hardly big enough to white wash his y face" latsho lantlala ifashe ngezitende lamshiya!

Into esixaki noko kulamapepa kukuba engaxeli ndawo angaziwa ngazo lowo ulipeteyo ukuba lefaka, ngapandle kwe gama.

Omnye umfana olincoko apa ubefundu- lula abanye, abangenawo amapepa, ngo- kuti wobaqeshisele elake nge £2 18 ngeuyanga, ngokuba lomali ngomnyaka yenza eliya xabiso lendlu anokuba ngu mvoti ngalo umntu—i £25. Yena ngo- kwake uti uyakuviwa kwa ngevumba ukuba akalali kona endlwini enomle yeponti ezintlanu. Lomfana ndimvumi- le lincoko.

IMPI YE HOPISI.

Kudibene ngamhla utile u A no B ngombuzo wokuba sisono na ukutengisa nge hopisi. A. Audiyifumani e Baibile- ni ukuba isisono ihopisi, aliko negama layo.

B. Kanene ubufudula ungomshumaye- li welizwi ?

A. Ewe, kodwa bendicasa konke oku- balulweyo e Zibhalweni, nangoku ndise- njalo.

B. Iziquamo ekutiwa sobazi ngazo abantu zibalulwe zonke na ezibhalweni, zabizwa ngamagama azo?

A. Andisenjani mna kwinto etetwa yi Baibile, uti yakuteta ngesiqamo ndilande kwakuyo ukuba zipipina ezo zicaseneyo nayo.

B. Xanene ndaka ndakuya ushumayela ngesi Xhosa usiti masiyekwe, sisono, kubhalwe kusipi isahluko ngaso?

A. Isixhaxha asinaluncedo mntwini, nosityayo asimhlutisi, nopa ngawo akazu- zi nto. Bubendenge ukutya isixhaxha.

B. O hi! Kwezinto zingakankanya wa- nga ngagama ufika wena ukete ezinga- hlutisiyo, nezinganiki nzuzo uzenze isono, zize ke ezo zihlutisiyo, ziyebisayo uzitini?

A. Mfondini asivisisani.

B. Hayi, pendula, ziyavisisani; i brandy ne beer nejin aziko e Bhaibhileni ziyabatyebsa ke noko abo batengisa ngazo. Utini ngazo ?—Pendula, uyeva.

A. O, i brandy iyatyebsa, uti ke ngayo ndititiana kuba bendite isixhaxha asinge- nisi nto?

B. Yabona mfondini, ukuba ukonza isisu sako, siso esingu Tixo wako, akuwe- dwa kolonquilo, kuba banjalo bonke abe lizwe, into embi kuwe kukuzimela nge Bhaibhile, uxele amanyange abengena pantsi kwe ndlovu, asi. ele kwangawo xa ayinqumla imiboshwa Yimazi ekabayo ubona le ncwadi, uyakwupaka amanyo.—Hamba. Wahamba.—Toto.

Ukubanjwa kuka Dinizulu.

Ezo cingo, ezifike nge 24 August, zezo- kuba u Dinizulu ubanwe yi ukumandla ya Mabhulu, ka Lucas Meyer, wanikelwa ku Mangesi. Elinye hmapepe ase Natal liti ulawo lwama Bhulu lutumele ku Di- nizulu icebo lokuba azinikele. Makube kungeleco lento kwakalayo ukuba lowo mtshawe selesezendleli zama Ngesi.

EZABABHALELI

UMELO LWABANTSUNDU.

NKOSI.—Kwiipepa lalo le 16th inst., ndibone isiqendo esenziwe ngu Mvoti wakwa Komani, ati njengokuba isondela ixesha lokunyulwa kwanalungu amatsha abayakuba ngabatetela bona, ndikolwa ukuba naye akakudeli ukuyuswa kwabo ngulowo ubavusayo. Ite mize ivoti zabo baziluzise bavane mma Ngesi, aze aleke ngliti bona bangabavoti, maba- waqonde kakuhle amalungu abayakuvu- tela wona ukuba makinanke isitembiso kuqala, pambi kokuba kawayinye, isite- mbiso sokuba ayakubenzela onantsi nomi, pambi kokuba bawanyile. Oko kundi- baugela usizi nedano elikulu ukuya amazwi anjalo, o Mvoti wakwa Komani, ongenaye namnye urmlobo -wake ose Palamente ngoku olwea ilungalo lake kubo bonke awabanyulayo. Nditi Mvoti wakowetu apa ku Komani kuwo onke amalungu owanyule ukuba aye kukute- telata e Palamente ngawakubandezelayo amisa imiteto yokukuvota nokukuvala umlomo, ukuba ungaeti ukaakanya u Hofmeyr, oti ukwENZE umntu, andiyazi indawo otsho ngayo, ndikolwa ukuba yilendawo wati bonke ibavoti mabaku- lulwe kumteto we pasi, ndikolwa ukuba uyitakazela kakulu lowo, sevuqonda ukuba ukweza umlungu, yiyo indawo ekanyileyo kuwe. Ndkolwa ukuba aku- qondi ukuba unika amaudla okuba kugalelwe utywala kowako umlomo na— kowomntwana wako utywala obuya kubanga ukuba, wena mlungu bumini unganikabo ukulwela wena ngokwako. nomhlobo wako nonfana wako, akuy kubanako ukubalwela ukuze babenako ukungena kobo bulungu ukubo wena. Nditi kuwe Mvoti, amalungu akulwelayo kuyo yomihlanu jemhyaka, ngwezinye izitili, ngamadoda mgazange anike tembiso kubanyuli bivo, akazange abacele nokukanye ukuba bawanyule. Mvoti obekikeliyo, ndikucela ukuba uqwalasele *Imvo Zabantsundu*. Inene elibekekileyo elihlela indaba zolopepa, likubeka konke okutetwa ngamalungu e Palamente. Kangela inteto zelungu

le Dike ne Ngqushwa, nela Pesheya kwe Nciba, ako namanye owovifumana inteto yawo yayame ukukukusela, kodwa ekungeko nalinye kuwo elanyulwa nguwe. Pulupala inteto zo Sivewright ngomnye wamalungu ahamba esaneka izandla, etembisa ukuba ayakwenza ona- ntsi nonantsi, uvumela ukuba kumiswe i Feltkorneti imantyi zokugweba ama- tyala ezicaka zamafama, ezingabantsundu, njengoko waziyo nawe ukuba, zona kanye i Feltkorneti zityene kanye nontsundu, oko ukubona ukunga kulungelana, wayetembise njalona Embo. Kum kubonakala ukuba otombisayo akafanele ukuvotelwa, anikwe ilungelo lokuya kuxhasa i Bondi yama Bhulu. Undixolele nkosi yam, ngobude bencwa- di, woti nawe uzame ukuyifinyeza. Ngetomba elikulu ngayo lencwadi ukuba ndoyibona cepeni elizayo; ngombuliso omkulu; ndingomnye wabanyuli. Queenstown, 17 August 1888.

MAX. GAZO.

UKUTIYEKA KWABAFUNDILEYO.

NKOSI,—Ndikucela ukuba ufake epe- Eeni lomzi ontsundu lendawo,—kumbha- wenqaku elincoma ukutyiwa kwabantu abafundileyo ngamadoda amadala, atsho ancome iratshi efibonwu kwabafundileyo ngabadala abantu. Ke nditu kwinteto yako le, ndivile ngendlebe xa kutetwa- yoo ngokungela kwabafundileyo nabantu bezikolo; "Kanye ndingaqasha u Mxosa obomvu kunabantu bezikolo," atsho umlungu futi-futi. Nditya lonto, ndi- qube ndaquba ndikangela lento itetwavo ngabelungu, ndamana ndikangela oko kutsho kwabo, ndlala ndanakana nam kaloku into ezibanga ukuba sityiwe ngabelungu. Kute ukupuma kwama- dodana ezisimnareni ati bhukuqu ama- nene amhlope ikuwaqasha. awafaka ezi- tolweni zawo, lasezposiofisi zawo, akum- sba nakumagqeta nakumagqita, zonke ezondawo zamadodana afundileyo. Ke kuwo onke lawo ndiwabonileyo ngawam amehlo akuko nanye eyatwala indwe ekupumeni kwawo kwezondawo. Eba, abhala incwadizobusela, agxotwa emise- benzini abeyiuna, anxila, aseziyajini, agwetyiwa. Aye amanye esuza ezinye imvutluka zicapukisayo ku Mangesi ezingenzwe igabantu " abafundileyo. Yiyo ke into bafanekisela kuyo ukuti- ywa kwabantu bafundileyo nga Mangesi.

Mayelana nai mpi indala, nokutyiwa umntu ofundilayo, ayikho lonto ibifanele ukubako ngena yemisebeuzi ebonakala yo kuni bafuncileyo. Sikohlwe kukunini bona ngokub sangabazali, oyihlo, onyoko. Bona ukuba umntu ofundileyo siyamtanda, e- wikeni kuzela amadodana nentombi e Nkxwebe, kanjalo e Nkuru- ni, e Rini, e Mtwaku, nakwezinye isim- nari, kuzele abutwana babantu abadala ; bebefuna ukubababe ngabantu abafundi- leyoo ke. Batima ke ukuxasa into abangayitandayo gagaka umntu ofundileyo ? Ndisapumla aps Ndiyeza, mbonukutywa kofundileyo.—ndim,

NDIVE NDABONA.

INGXOXOENGABAFUNDISI.

NKOSI YAM MLELI WE MVO,—Nditu- kile kanene ukubona kwipepa lako le 23 ka August lo, isima le Bhayi libalelwa pe ati kweziqigata ezingavaniyo naba fundisi bazo, into le ndimlewe kukuyi- kenyeza, umlamibi ukufuna incazelo ngayo. " Ndinnyaka mine epelileyo apa e Bhayi, ndikweshlami ngoku. Kwi minyaka emi bendimane ukucelwa yiramente yala ukuba ndihlale omnye umnyaka kwa kwanamhla. Andazi kungevani kwe neramente endiyipati- ayinge; inye into endiyaziyo, nayo aywesingiswempatweni yam, kanjalo nayo lonkatzi uyapela mu kanye kwaxo- lelwana, yavine hopbeer, yaziwa ngu mntu wonke, kwe Mr. Editor uyabazi. Kuqala i hopber yachaswa yintlanganisyo yabakokeli, na Quarterly Meeting, nayi District Meeting, Nawe Mr. Editor wayibhala ingxelo ka Dr. Hahn epepeni lako, exela ukuba i hopbeer yase Bhayi ibutywala, neqibo ka Rulumente yo- kuba mayingawiswa ngapandle kwe *Licence*, ezona zimhlope kuye wonke umntu. Umntu wama Wesile nguwolo (C) 8. Ukuxi (yinto eyaliwayo). 9. Ukubutenga njutengisa ngubo utywala obushushu. I. Nokusela xa bauga- busezelwanga umkhulane, oko ku- kuti, xa bengokuseleli mkhulane. (F) 18. Ukutenga izinto nokutengisa ngendawo engavunyelwayo yimiteo Yimiteto yelizwe oko kukuti izinto ezifu- nala ukutengisa ukutengwa nge *Licence*. Ke ukwenza, lokutengisa, nokutenga, nokusela ihopbeer kukwapula yonke lemiteto ingem, ke abapuli balemiteto xa bangaba balitshwe abangeza babale- lwe ukuba yinxabano yo Mfundisi ne Ramente ngokukwapula lemiteto iyapela igama obu Ramente. Nokuba sebesitina amakubizwa ngokuba yi Ramente *no more than the man in the Moon*.

Enye into abantu balapa abazange baktutshwe bazupa ngokwabo. Kanjalo enye into uma ufunyanwa yintlanga- niso yabakoke ukuba unetyala, ize isi-

webo siwis ngu Mongameli wesi ngata. Ke kwisi Qingata sase Rini akuko bongani abantsundu, ngokoke into ebekiswa ibafundisi besisi Qingata ngokugweba amatyala e Ramente itshaye pantsi, enye in kupela ngumona nekwe- e, gqibike; le kanjalo lento yokut kwakubako lo komnye wabafundisi abantsundu ilenye seyiqiba ngelithi yenziwa ngabonke kukuswela imbeko kubafundisi abantsundu kupela, ekubo- nakala ukuba abafundisi abantsundu balilishwa lomhluzi wamanqina apa e Africa. Okukunjeme ndifuna umka- nyezi wam aye azibhale ngegama lake ize lesali inama izokubhaxekwa *on the right horse*.—Ibaka sako,

SAMUEL NTSIKO, Umfundisi wase Bhayi.

NGENTLANGANISO.

MHLELI wepala lamanene namanene- kazi,— Ndinga ndingapendula i letter etunyelwe ntlanganiso yase Ko- loni ebise ebe eti, masiflangape emva konyaka ndawo ngendawo sixoxe ngento zombu. Ke lamadoda ahlabekange kuma akuba wona eyintlanga- niso engadibeyo nokuba axoxe izinto zekomkulu ntlanganiso chamba nga- matunzi kwinto zombuso. Nganina ma- Koloni nisazami kwenza intlangani- so ekululekile yokuteta imfanelozenu? Ipesheya kwenciba alinakudibana ne- ntlanganiso emba ngobusuku eyoyi- kana nemini. <odwa yona inteto yenu, mayelana na ntlanganiso yonyaka ilungile kanye ukuba beningeyiyo le ntlanganiso abafundisi, eteta ngento -zeramente nesikolo. Kanilungise ma- -wetu.—OwenUpesheva kwe Nciba

M. J. J.

UKUNGAVISWA NGU RULUMENTE

NKOSI MHLELI we ZIMVO ZABANTSU- NDU,— Uncede mfo ka Jabavu undifakele kulomvaba yakomkulu lemigcana ingepi imbalwa kanye. Ndiva ndinemihlalikazi emkulu kunene, ndakuya kusitiwa u Rulumente lo kanti uyanqwena ngelipe- pa le *Mvo*, ukunga angeva imvo zaba- ntsundu— ndaqonda ukuti sisakuke sipile kanti. Tina Ebatenjini apa besiba lomntu ungu Rulumente sisidlwengu, kanti ungumntu njengabanye. Yiya ke bawo Apa ke sibona izinto ezimbi esingazivi- swayo zimantyi zetu, ngometo wako ke ; mhlana kwatengwa umhlaba we dolopu wase Mtata kwaboniswa ngawo, kute ke mhlana u Rulumente ati uyawulungisa ongowake, wadla nowetu, wawongeza ke owake ugowetu, wesuka wema ngezi- mbana waqwela wema ngama Qweqwe, nauko eyakuti ngu ngo Lutshaba, le bo, kudle le. Asazi nento le ngalowo mhlaba- kazi, uku Rulumente siteta nje, singama- koboka na? Sati mhlana saxelelwa into saxelelwa ukuxhoma, sati he, kunganga- nje ke, sahlanganiswa tina Bateinbu, sapendula sati, hai, awuko umteto woku- xhoma Ebatenjini apa. Salinda, siyabo- na sibona sekuxhonywa. Lento yoku- ngeviswa neyokungaboniswa ingumteto na, we Queen Victoria. Apa Ehgcobo, Tembuland, iya sekulo umda esinga- waziyo emhlabeni wetu. Azike iyawazi, sinina i Major le womda siwuwayo apa. Enye into esingayaziyo nantsi,— ivenkile zalapa, namapoiisa alapa, lompi ke ivotela u Faku, nomhlaba weziqini- selo (titles), asaziwa tina. Nguwe ke Rulumente oti masenziwe amakoboka, izinja, senzetonina? Kadekumnyama, kusile ngoku nje. Inxhoma zalo Rulume- nte zizele yimfazwe yodwa, asiyifuni ke tina apa, sifuna ukufela kwi Nkosazana. Mandiyeke gxebe, ndavinjwa namanzi.

Ndingu LUMEK 'ISIBANE.

25 July .1888.

NGEMFUNDO.

